Isalathiso: 20200320-612
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: LR Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lweZiko: 0003/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooTitshala

Isihloko: Ukuhlaziywa kwengcaciso kwi*CEMIS* nokuzaliswa kwesaveyi yasekhompyutheni

1. Kula maxesha angaqhelekanga, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) linqwenela ukubulela inqununu nganye, utitshala ngamnye nelungu lebhunga lolawulo ngalinye elifumana iindlela ezinobuchule zokunika inkxaso ekufundiseni ngeli xesha yaye sinqwenela ukuqwalasela umsebenzi wokuzinikela okwenziwa ngumntu wonke onika inkxaso kwabanye. Oku kubandakanya nabo bakummandla kafayayo ekulweni lo bhubhane nokusigcina sisebenza yaye siqhubela phambili.

2. Unxibelelwano lubaluleke gqitha kumaxesha anje yaye inqununu idlala indima ephambili ekuqinisekiseni ukuba le ngcaciso ilandelayo ifakiwe ekhompyutheni kwi*CEMIS* yaye ichaneke nge-100%.

3. Kucelwa iinqununu ukuqinisekisa ukuba le ngcaciso ilandelayo ihlaziywa **ngokungxamisekileyo kwiCEMIS ungadlulanga uLwesihlanu, we-24 Apreli 2020**:

3.1 Makutshekishwe yaye kuhlaziywe ngokungxamisekileyo iinkcukacha zikatitshala ngamnye, iselula nedilesi ye-imeyili yakhe. ISebe i*WCED* linenjongo yokungenisa ii-*Microsoft Teams* (isistim eyiphakheji yeendibano ngevidiyo) kuzo zonke izikolo. Oku makuquke ukungena kwisistim yasekhompyutheni i-*Office 365 online*. (Kuya kwabelwana ngezinye iinkcukacha ekuhambeni kwexesha.)

3.2 **Okungxamisekileyo: Yiselula nedilesi ye-imeyili yomfundi weBakala 12:** Kubaluleke gqitha ukuqinisekisa ukuba kufakwa ekhompyutheni kwi*CEMIS* iinkcukacha zoqhagamshelwano ezichanekileyo ukuqinisekisa ukuba iSebe i*WCED* lingamazisa umfundi nomzali ngokubalulekileyo okwenzekayo. Oku kuya kubaluleka kwakhona ukwazisa abafundi ngezinto zokunika inkxaso yokufunda ezicwangcisiweyo nokubhalisela uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*) ekuhambeni kwexesha.

3.3 Iiselula needilesi zee-imeyili zabafundi beBakala 10 no-11 kufuneka kwakhona zihlaziywe ngokungxamisekileyo ekuhambeni kweveki ezayo. Le datha ikwi*CEMIS* ayigcinwanga kakuhle yaye kufuneka ihlaziywe.

3.4 Apho abafundi bangenankcukacha zoqhagamshelwano, iinkcukacha zoqhagamshelwano zingazezo zomzali/zesizalwane esinokudlulisela umyalezo kumfundi.

4. **Isaveyi yasekhompyutheni mayenziwe ziinqununu nootitshala.**
Umhla osikiweyo: kungoLwesihlanu, we-24 Apreli 2020:

4.1 ISebe i*WCED* lifake isandla kwizibonelelo zoncedo ezininzi ezibambekayo nezasekhompyutheni ukunika inkxaso ekufundiseni ngeli xesha.

4.2 Uninzi lwezikolo nootitshala beza nezisombululo ezifana zodwa nezizale mihla zokufikelela kubazali kunye/okanye kubafundi ekubanikeni inkxaso ngeli thuba lokumiswa ngxi kwezinto (*lockdown period*).

4.3 Nakuba kunjalo, umbuzo emawubuzwe ngowokuba, ingaba la manyathelo anempumelelo yaye ayafikelela kwabo kujoliswe kubo.

4.4 Injongo yeesaveyi kukuqokelela idatha eya kwazisa iSebe i*WCED* ukuba ezi nzame ingaba ngenene ziyimpumelelo.

4.5 Iisaveyi kwakhona kufuneka kwakhona zinike imbono ngendlela iiKomiti zoLawulo lweSikolo (*School Management Teams*) (*SMT*) nootitshala abaphendule ngayo kule meko ifana yodwa neyeyona ndlela ibhetele yokuqhubela phambili kunikwa inkxaso ekufundeni. Oku kungangqinwa njengokuluncedo kakhulu kwiSebe i*WCED* yaye kunokwabelwana ngeembono nezinye izikolo kunye nootitshala ngeli xesha nakwixesha elizayo.

4.6 Abaphathi beesekethe nabacebisi ngezifundo banikwe umsebenzi wokusasaza iilinki kwiisaveyi kuzo zonke iinqununu nabaya kuthi, emva koko, bazisasaze kootitshala. Iisaveyi **mazizalisiwe ungadlulanga uLwesihlanu, we-24 Apreli 2020.**

4.7 Iilinki ziya kufana zodwa kwisithili ngasinye njengoko igama lesikolo ngasinye kwisithili lifakwa iinkcukacha kwisaveyi.

4.8 IiNqununu zinokulindela iilinki kwezi saveyi zintathu zilandelayo:
- **KWILINKI YESAVEYI YEZOLAWULO YE-*SMT* YENQUNUNU**
  Iya kuzaliswa kuphela yinqununu okanye lilungu le-*SMT* eligqithiselwe amagunya.
- **KWILINKI YESAVEYI YE-*GET* YEBAKALA R–9** (Yootitshala)
- **KWILINKI YESAVEYI YE-*FET* YEBAKALA 10–12** (Yootitshala)

4.9 Okuqulethwe ziisaveyi kuyimfihlo yaye akusayi kubakho zinkcukacha zabathathi-nxaxheba zivezwayo okanye zichazwayo.

5. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWEZIKO
UMHLA: 2020-04-19